Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

SEPTEMBA 2020

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

IMIQATHANGO YETHUTYANA UKUNCIPHISA IMPEMBELELO YECOVID-19 KWIMALI YABAHLAWULI BERHAFU

BONKE ABAHLAWULI BERHAFU abazibona besengxakini yemali ngenxa yobhubhane we-Covid-19 bayacetyiswa banike ingqwalasela kule miqathango yoncedo yethutyana ilandelayo njengoko ivunywe liBhunga

1. UKWANDISWA KWETHUBA ELANGEZELELWEYO LEZIVUMELWANO ZENTLAWULO

Kumathuba apho amashishini nabaxhamli beenkonzo bamakhaya abasele bengene kwisivumelwano noMasipala wase-Overstrand sokuhlawula ii-akhawunti zabo zikamasipala kwisithuba esandisiweyo, ezo zivumelwano zentlawulo zinakho ngoku ukwandiswa njengoko kucacisiwe apha ngasezantsi.

Amashishini:

IBhunga ligqibe okokuba isithuba esilungiselelwe amashishini azifumana ephantsi koxinzelelo lwezemali yaye engakwazi ukuhlawul ii-akhawunti zawo ezifanelekileyo masandiswe kubandakanywa ii-akhawunti zikaJulayi 2020 kunye nezika-Agasti 2020. Amashishini anjalo aya kudingeka okokuba angene kwixesha elangezelelweyo lesivumelwano sentlawulo ngokwemiqathango yoMgaqo-nkqubo woLolongo loMxhamli weenkonzo, woLawulo lweTyala nokuQokelelwa kweTyala oya kuwavumela okokuba ahlawule izixa-mali ezingahlawulwanga ngeentlawulo ezilinganayo kwisithuba seenyanga ezintandathu engakhange ahlawule idipozithi.

Abaxhamli beenkonzo basemakhaya:

IBhunga ligqibe ekubeni isithuba sabaxhamli beenkonzo basekhaya abazifumana bephantsi koxinzelelo lwezemali yaye bengenakho ukuhlawula ii-akhawunti zabo ezifanelekileyo masandiswekubandakanywe nee-akhawunti zikaJulayi 2020 nezika-Agasti 2020. Abaxhamli abanjalo baya kudingeka okokuba bangene kwisivumelwano sentlawulo sexesha elangezelelweyo ngokwemiqathango yoMgaqo-nkqubo woLolongo loMxhamli weenkonzo, woLawulo lweTyala nokuQokelelwa kweTyala oya kubavumela okokuba bahlawule izixa-mali ezingahlawulwanga ngeentlawulo ezilinganayo kwisithuba seenyanga ezili-12 bengakhange bahlawule idipozithi

2. AKUKHO MIRHUMO ERHAFISWAYO KWIZAZISO ZEE-AKHAWUNTI EZISEMVA NGENTLAWULO

Abasebenzisi bezambuku ngokunjalo nabaxhamli beenkonzo bamakhaya bayacetyiswa okokuba iBhunga ligqibe ekuncameni yonke imirhumo ephathelelene nolawulo ngokunjalo nezaziso ezibhekiselele kwii-akhawunti ezisemva ngentlawulo ngeenyanga kaJulayi 2020 no-Agasti 2020. Okubandakanyiweyo kwezi zaziso zizaziso zeSMS, izaziso zeentsuku ezili-14 kunye nezaziso zeeyure ezingama-24 ezithunyelwa kubasebenzisi bezambuku.

3. USHENXO OLULUNGISELELWE ABANTU ABTHATHE UMHLALA-PHANTSI NABAKHUBAZEKILEYO ABANQWENELA UKWENZA ISICELO SESAPHULELO ESISODWA

Abantu abakumhlala-phantsi nabakhubazekileyo baselungelweni lokufumana izaphulelo ezizodwa kwimirhumo yepropati.

Ukuba selungelweni lwesaphulelo esinjalo, umenzi wesicelo kufuneka:

- Abe ngummi woMzantsi Afrika
- Abe ngumnini obhalisiweyo wepropati ekuthethwa ngayo
- Ahlale kwipropati exelwayo njengendawo yakhe ephambili yokuhlala
- Angabi ngumnini weepropati ezingaphezulu kwepropati enye
- Abe ubuncinane uneminyaka engama-60 ubudala okanye abe ufumana imali yokukhubazeka evela kuRhulumente
- Abe unengeniso yarhoqo ngenyanga engaphantsi komhlala-phantsi wentlalo oxhaswa ngemali ngurhulumente ngokuphindwe kasibhozo ngenyanga (okt. ngaphantsi kwe-R14 880)

Ukunika ithuba elingaphezulu kubahlawuli berhafu abaphumleyo nabakhubazekileyo lokufumana amaxwebhu ayimfuneko ayinkxaso yezicelo zabo zesaphulelo esisodwa kwimirhumo yepropati, ngoku banethuba de kube ngumhala wama-30 kuNovemba 2020 okokuba bangenise izicelo zabo kwi-Ofisi yeMirhumo noLawulo lweeNkcukacha zamanani yase-Overstrand. Imibuzo ngokuphathelelene nako nakuphi na okungasentla inokuthunyelwa kwi-Ofisi yeMirhumo noLawulo lweeNkcukacha zamanani kule nombolo 028 313 8000. Kungenjalo, bathumele i-imeyile kule dilesi enquiries@overstrand.gov.za. Khumbula ukuchaza inombolo ye-akhawunti yakho kamasipala, igama lakho nefani kunye nenombolo yoqhagamshelwano.

ENYE INDLELA IYA KUBA KUKUQHAGAMSHELANA NE-OFISI KAMASIPALA EKUFUTSHANE NAWE:

- KLEINMOND: 33 5th Avenue, Kleinmond; Imfono-mfono: 028 271 8400
- HERMANUS: Magnolia Street, Hermanus; Imfono-mfono: 028 313 8000/8111
- STANFORD: 17 Queen Victoria Street, Stanford; Imfono-mfono: 028 384 8500
- GANSBAAI: Main Street, Gansbaai; Imfono-mfono: 028 384 8300

Ifomu zesicelo sesaphulelo ziyafumaneka ngokunjalo kwiwebhusayiti yase-Overstran: **www.overstrand.gov.za. Cofa kumaXwebhu > IFomu.*

UKUNYUSWA KWESONDLO KULUNGISELELWA ABO *BAZIBEKE BODWA* OKANYE *ABAVALELWEYO*

Phakathi kuJulayi, iqela lolawulo lwentlekele yeCovid-19 lase-Overstrand lifumene isipho solwamkelo seebhokisi esele zipakishiwe ezili-120 ezizele qhu kukutya okungaboliyo ezifana nokutya okunkonkxiweyo kunye neembotyi ngokunjalo nemifuno emitsha esongelwe kakuhle ukunceda ukulungiselela iimfuno zesondlo zabe bachaphazeleka ngqo yiCovid-19.

Lo mnikelo uvele ngentsebenziswano esiyibulelayo phakatho kweNedbank yaseHermanus kunye neVoëlklip OK MiniMark.

"Sinethemba lokokuba oku kutya kuya kubenza ubunzima buhle bokubekelwa bucala nokuchacha kwabo bahlali bavalelweyo ngenxa yokufunyanwa benentsholongwane yeCovid-19 emva kohlolo okanye bathe bazibeka bodwa ngenxa yokuchanabeka kwintsholongwane," utshilo said Werner van der Merwe, umlawuli woshishino lokubhankisha waseNedbank eHermanus.

Ekwamkeleni kwakhe iibhokisi esele zipakishiwe, uLester Smith (uMlawuli oPhezulu: woMlilo noHlangulo, uLawulo lweNtlekele kunye neeNkonzo zoKhuseleko) uphinde kwakhona wenza umbulelo wakhe obhekiselele kumntu ngamnye, umbutho neshishini abathe bangenelela ngokukhululekileyo ukudambisa ingxaki yabanye abantu kula maxesha anzima.

Usebenzise ngokunjalo eli thuba ukuqinisekisa ngento yokokuba ooceba bewodi bayancedisa kwiZiko loLawulo lweNtlekele lase-Overstrand ukuchonga amakhaya asesichengeni anesigingo esibi seepasile zokutya ezifana nezi.

ABANIKEZELE NGESISA: *(ngasemva ekhohlo-ekunene) Brian Lobb (OM Disaster Management), Lester Smith, Marinette Geldenhuys (Nedbank), Werner van der Merwe, Esmarie Joubert (Voëlklip OK MiniMark), Ricardo Solomon (OM Disaster Management),Sarolyn Coert (OM Disaster Management). In front are Enrico Solomons (OM Disaster Management), Smantha Maritz (Voëlklip OK MiniMark), Nadia Cloete (Voëlklip OK MiniMark) and Unica Booysen (OM Disaster Management).*

OKUTSHA KWIMIMANDLA YERHAFU EYODWA:

➢ *HSRA iyaqhubeka*

➢ *KSRA & OVSRA zimisiwe*

Ngasekupheleni kukaJulayi 2020, iBhunga lamkele isicelo sokokuba ukumiliselwa **koMmandla weRhafu oWodwa waseKleinmond (KSRA)** kunye **noMmandla weRhafu oWodwa wase-Onrus-Vermont (OVSRA)** makumiswe isithuba esingangonyaka omnye.

Zombini iiSRA zicamngca ngokuthenga nokufakela iikhamera zeCCTV njengenqanaba lokuqala, ngeli thuba iOVSRA icwangcisele ukumilisela inkonzo yonogada. Ngokuthambekele kwisimo esikhoyo, akukho nanye enakho ukumiliselwa de kube lelo xesha apho izithintelo zokuvalwa ngci zithe zayekwa ngokufanelekileyo.

Umphumela othe ngqo woku kurhoxiswa ngowokuba umrhumo wokuqala owangezelelweyo warhoqo ngenyanga ofanelekileyo kuzo zombini iKSRA ne-OVSRA uya kuhlawulwa kuphela ngoku ukususela ngomhla woku-1 kuJulayi 2021. Ngoko, nangona kukho ulibaziseko kubandakanyo kunye nobhaliso lwe**Hermanus Public Protection (HPP)** njengequmrhu lolawulo loMmandla weRhafu oWodwa waseKleinmond (KSRA), umhla olindelekileyo womiliselo lwesicwangciso soshishino seeHPP kunye nokuqaliswa okulandelayo kweenkonzo ngu-Oktobha/Novemba walo nyaka.

UMthetho olungisiweyo oYilwayo woMasipala wase-Overstrand ongoCwangciso lokuSetyenziswa koMhlaba kaMasipala ngoku uyasetyenziswa

Ikomiti kasodolophu yamkele oMthetho oLungisiweyo oYilwayo kaMasipala wase-Overstrand ongoCwangciso lokuSetyenziswa koMhlaba kaMasipala ngokunjalo nokubandakanywa kwe-Overstrand Municipality's Land-use Scheme and Overlay Zones kulo mthetho oyilwayo kamasipala uxeliweyo ngomhla wama-24 kuJuni 2020. Qaphela, ngokunjalo, okokuba okulandela emva kokupapashwa kwalo mthetho uchazwe ngasentla kwiGazethi yePhondo yomhla wesi-7 ku-Agasti 2020, umthetho oyilwayo olungisiweyo uya kusebenza ngoko.

Iikopi zedijithali zoMthetho oLungisiweyo oYilwayo kaMasipala wase-Overstrand ongoCwangciso lokuSetyenziswa koMhlaba kaMasipal, iSkimu sokuSetyenziswa koMhlaba kunye nee-Overlay Zones zifumaneka kwiwebhusayiti kamasipala esesikweni kule dilesi https://www.overstrand.gov.za/en/documents/town-planning/by-laws/overstrand-municipality-amendment-by-law-on-municipal-land-use-planning-2020.

I-Human Wildlife Solutions (HWS) iqeshelwe isithuba seminyaka emithathu elandelayo ukulawula inkqubo yeemfene kuloo mimandla ese-Overstrand echatshazelwa lungquzulwano phakathi kwabantu neemfene.

I-HWS inobuchle obubodwa ekusombululeni ungquzulwano lwabantu nezilwanyana zasendle kwiziphelo zedolophu yaye isebenzise inguqu, amaqhinga ahlaselayo kunye netheknoloji yakutsha nje ukulawula izilwanyana eziyingxaki ngenjongo zokugcina iinqobo ezisesikweni zolondolozoz nokukhusela imfezeko yee-ikhosistim.

Ngokwakaloku nje, inkqubo yolawulo lweemfene ibandakanya ukusetyenziswa kwetheknoloji ngokusetyenziswa "kothango lwevetshuwali" kummandla we-Voëlklip nokuqeshwa konogada beemfene ukugcina umhlambi ungangeni ePringle Bay.

Ukubheka phambili:

Kuhlelo olungaphambili, iBhulethini inike ingxelo ngokubanzi ngempumelelo efunyenweyo ngokusetyenziswa "kothango lwevetshuwali" ukugcina imihlambi ezula-zula ezintabeni phezulu kweHermanus ingangeni edolophini. Njengoko kuchaziwe kwinqaku, injongo ephambili ngolu thango yeyokuba iimfene zibuyele kwindaw yazo yendalo yokuhlala apho zidlala indima enkulu ekugcineni kwakhona ibhayodayvesiti nokugcina imfezeko ye-ikholoji yommandla.

Ngokuthambekele kule mpumelelo, olu thango luya kwandiswa ngoku ukulungiselela ukubandakanya imihlambi yaseVogelgat/Voëlklip/Hamilton-Russell naseOnrus ngasempuma ngenjongo yokumilisela, ekugqibeleni, ngokunjalo le theknoloji ukulawula imihlambi ngasentshona, okt. leyo iseKleinmond/Betty's Bay/Pringle Bay naseHangklip. Apho imihlambi ilawulwa okokuqala, iqela lamagcisa lee-HWS liqala ngokubaka iliso kwimihlambi ululungiselela ukuqonda iipateni zohambo lwayo, iindawo zokulala kunye nemimandla yesondlo phambi kokucebisa ngendlela yokulawlwa komhlambi othile.

Ukufunwa kwengcebiso kumaqela anomdla nachaphazelekayo:

Ngenxa yeaimo esikhoyo sokulwa ngci, isivumelwano ngeendlela zokulawulwa kwemihlambi ngakumbi ngasentshona azikhange zibe nokufikelelwa njengoko ingcaciso ebicwangcisiwe kunye namathuba engxoxo engakhange abe nokuqhubeka. Nangona kunjalo, uMasipala wase-Overstrand uqulunqe ngokwakaloku nje uluhlu lwamaqela anomdla nachaphazelekayo (I&APs) kwiidolophu ezichaphazelekayo yaye uya kuqhagamshelana ezi I&AP kwamsinyane ukulungiselela ukucwangcisa iintlanganiso "ezibanjwa ngamajelo onxibelelwano" ukulungiselela ukuxoxwa kwenkqubo yolawulo lweemfene yase-Overstrand/HWS nokwabelana ngengcaciso.

Ngethuba lokuya kupapasho, imihla yeentlanganiso ezibanjwa ngamajelo onxibelelwano ibingekaqukunjelwa. Ngeli thuba, ukuba ngaba nayiphi na imibuzo ephathelelene nenkqubo okanye ufuna ukuqinisekisa ngento yokokuba igama lakhe lukuluhlu lwee-I&AP, nceda uqhagamshelane noceba wakho wewodi:

- **IWodi 3 - Kari Brice: kbrice@overstrand.gov.za / 083 650 4206**
- **IWodi 13 - Jean Orban: jorban@overstrand.gov.za / 072 955 2986**
- **IWodi 9 - Grant Cohen: gcohen@overstrand.gov.za / 072 436 9068**
- **IWodi 10 - Fanie Krige: fkrige@overstrand.gov.za / 082 773 7749**

UMphathiswa weNtshona Koloni wokuHlaliswa kwa-Bantu, uTertuis Simmers, unikezele ngezitshixo kumnini wekhaya omtsha ozingcayo uChristine Gouw (67).

I-HAWSTON HEIGHTS
ICANDELO LESI-2 SELE LIKUTSHANE EKUBENI LIGQITYWE

Ngomhla wama-30 kuJulayi 2020, uMphathiswa weNtshona Koloni wokuHlaliswa kwaBantu, uTertuis Simmers, unikezele ngezitshixo kwiiyunithi zokuqala zezindlu ezilishumi ezenza inxalenye yeCandelo lesi-2 leProjekti eHlangeneyo yoPhuhliso lweNdawo yokuHlala yaseHawston (IRDP

Unikezelo lwezindlu kolu phuhliso lwezigidi ezingama-R80.6 (olubizwa ngokuba yiHawston Heights) luya kwenziwa ngamacndelo. liyunithi ezingama-63 zinikezelwe ngoDisemba kulo nyaka uphelileyo njngenxalenye yeCandelo 1, kunye neCandelo 2 eliqulunqwe ziiyunithi ezingama-39 ezingaphezulu zizonke. Ukuba ngba zonke izinto zihamba ngokwezicwangciso, onke omathandathu amacandelo aya kuqukunjelwa ngoDisemba wama-2020. Ngaphezulu, umsebenzi oku-R43 nakwintlangano yomgaqo ekwiGeorge Viljoen Street uqhuba kakuhle.

Olu hlaziyo luya kuqinisekisa ngento yokokuba abaxhamli, kwakunye neentsapho zabo, baya kuba nelungelo lokungena nokuphuma kwiipropati zabo nakwezinye izibonelelo zoluntu ezifana neekhreshi, izikolo, iicawa kunye neevenkile, ezikwelinye icala lomgaqo oxakekileyo uR43.

Iindleko zohlaziyo ziqikelelwa kwizigidi ezili-R10.3 yaye zibandakanya iindledlana eziphawulweyo kumgaqo zokujika ngasekhohlo nangasekunene macala omabini, kwiirobhothi, kwisiqithi sezithuthi kunye nendawo yokuwela yabahambi ngeenyawo. Uhlaziyo luxhaswa ngemali ngokuhlangeneyo nguMasipala wase-Overstrand kunye neSebe lokuHlaliswa kwaBantu leNtshona Koloni.

Umgaqo ohlaziyiweyo uya kunceda ekuphuculeni ufikeleleko olulungiselelwe uphuhliso lwezindlu oluya kuthi ekugqibeleni luqulathe iziza ezingama-489 kubandakanywa iziza zezindlu zokuhlala ezilungiselelwe imarike yezindlu ezifikelelekayo ngokuhambelana neFinance Linked Individual Subsidy Programme (FLISP), izakhiwo zokuhlala ezingama-378 eziphantsi kwenkqubo yeBreaking New Ground (BNG), iziza ezibini zoshishino, iziza ezibini ezicandelwe uluntu, izithuba zoluntu ezingena nto ezisithoba, iindlela nechibi lokugcina amanzi esikhukhula. Ezinye zezindlu zeBNG ziyakhiwa ukulungiselela ukuhlalisa abantu abakhubazekileyo.

Phambi kokunikezelwa kwezitshixo kubaxhamli, uMphathiswa Simmers wazise abanini abatsha bamakhaya okokuba banesithuba seenyanga ezintathu zesaziso zokunika ingxelo ngemiba ephathelelene nezindlu zabo. Emva kwangoko, baya kuba noxanduva lokulolonga nokulungisa amakhaya abo.

Ubakhumbuzile kananjalo okokuba abanini bamakhaya abavumelekanga ukuba baqeshise okanye bathengise ikhaya elinikezelwe ngurhulumente kangangesithuba seminyaka esibhozo; yaye alinakusetyenziselwa ushishino ngokunjalo. Uceba weWodi lesi-8, uSekela Sodolophu u-Elnora Gillion, kunye nnoCeba u-Arnie Africa, Lindile Ntsabo kunye noHannie Morgan babekhaphe umphathiswa kwesi sithuba.

I-akhawunti yamanzi okanye eyombane ephezulu kunesiqhelo? *Ikho inkcazelo elula.*

Khumbula into yokokuba phantsi kovalo ngci, ixesha elininzi lichithwe ekhaya nto leyo enokuba ngunobangela wokusetyenziswa kakhulu kwamanzi kunye nombane ngaphezu kwesiqhelo. Ngaphezulu, ukufundwa kwemitha yamanzi kuqinisekiswa ngamafoto athatyathiweyo amanani emithi ukuqinisekisa okokuba amanani achanekileyo ayabonakaliswa kwi-akhawunti. Ngokuhambelana noMgaqo-nkqubo woLolongo loMxhamli weenkonzo, woLawulo lweTyala nokuQokelelwa kweTyala wase-Overstrand, ukuba ngaba inkonzo inemitha kodwa ingabinakho ukufundwa ngenxa yezithintelo zemali kunye/okanye ezabasebebzi okanye imeko ezingaphaya kolawulo lukamasipala okanye i-arhente yakhe egunyazisiweyo, umxhamli wenkonzo unakho ukuhlawuliswa uqikelelo lwexabiso olusekwe kusetyenziso lwangaphambili.

Ngokuthambekele kwiimeko ezibhekiselel kuvalo ngci lwesizwe olubhengezwe phakathi kuMatshi, uninzi lwee-akhawunti zamanzi zibonisa uqikelelo kwinyanga ka-Epreli kuphela. Unxaxho apha lube seWestcliff kunye naseEastcliff apho uqikelelo lwexabiso lwasetyenziswa kwiinyanga ezimbini, ezizezi u-Epreli kunye noMeyi.

Nangona kunjalo, xa kusetyenziswa uqikelelo, umasipala unyanzelekile ukuba enze izilungiso nje kuqaliswe ukufundwa kwemitha ukulungiselela ukuba i-akhawunti yamanzi yomxhamli wenkonzo ibonise usetyenziso olululo lwamanzi. Ezi zilungiso zinokuba nomphumela mhlawumbi wolungelelwaniso lwemali eya kumxhamli okanye wetyala.

Ngokubonisa ngomzekelo, ugcine engqondweni into yokokuba inkqubo ye-akhawunti yase-Overstrand elungiselelwe usetyenziso lwamanzi isekwe kwiintsuku eziphakathi kokufundwa kwemitha - ngamanye amazwi, ukufundwa kwemitha kuthatyathwa malunga rhoqo neentsuku ezingama-30 - masikhe siqwalasele indlela yosetyenziso lwalo mxhamli uqikelelwayo ukuba lungabonakala njani kwinkqubo:

UMHLA	UKUFUNDWA	USETYENZISO
02/02/2020	1000 ukuya 1015	15 kℓ usetyenziso ngokufundwa okukuko
02/03/2020	1015 ukuya 1027	12 kℓ usetyenziso ngokufundwa okukuko
03/04/2020	1027 ukuya 1037	10 kℓ usetyenziso ngoqikelelo kwisithuba seentsuku ezingama-30
03/05/2020	1037 ukuya 1047	10 kℓ usetyenziso ngoqikelelo kwisithuba seentsuku ezingama-30
04/06/2020	1047 ukuya 1083	36 kℓ* ufundo olululo ukususela 02/03/2020

**Qaohela into yokokuba olu fundo kwakhona lumele iintsuku ezingama-30.*

Kwesi sithu, usetyenziso oluqikelweyo kunye nosetyenziso olululo ukususela kufundo olululo lokugqibela (i.e. 10 kℓ + 10 kℓ + 36 kℓ = 56kℓ) luhlulwa ngeentsuku ezingama-90.

Ngokusekwe kolu balo, i-akhawunti ymxhamli wethu wenkonzo yamanzi oqikelelwayo iya kulungelelaniswa ukulungiselela ukuba ibonakalise umndilili wosetyenziso lwe-2 x 18 kℓ kunye ne-1 x 19 kℓ kwisithuba seentsuku ezingama-90.

Qaphela okokuba imirhumo yokusetyenziswa kwamanzi isekwe kwisixhobo sokubala esingalinganiyo: Xa usetyenziso luphezulu, nomlinganiselo nawo uphezulu.

Ukuba ngaba urhanela ukuba ufundo lwamanani akho aluchanekanga, nceda uthumele inombolo ye-akhawunti yakho kule dilesi enquiries@overtrand.gov.za ukulungiselela ukuba luphandwe.